



SOUTHERN AFRICAN RURALITY IN HIGHER EDUCATION

INDLELA EYA EYUNIVESITHI

AMABALI ABAFUNDI ABASUKA EMAPHANDLENI







IYUNIVESITHI EZITHABATHE INXAXHEBA



RHODES UNIVERSITY
Where leaders learn



University of Fort Hare
Together in Excellence



**University of
BRISTOL**



University of Brighton

ABATYALIMALI



IZIQULATHO

	Intshayelelo_____	3
1.	Isingeniso_____	5
2.	Ubomi basezilalini_____	7
	2.1 Amava_____	7
	2.2 Ukucinga ngekamva_____	8
	2.3 Ukucela ukungena eYunivesithi_____	12
3.	Indlela esingisa eYunivesithi_____	15
	3.1 Ukusukela ekhaya_____	15
	3.2 Ixesha lokubhalisa_____	17
	3.3 Ukuzinza_____	18
4.	Ukugqithela eYunivesithi_____	21
	4.1 Ukuya eklasini_____	25
	4.2 Ukuqhelana nelizwe lobugcisa_____	26
	4.3 Ukuzimela ngawo omabini_____	27
5.	Ukuthwala isidanga nenkqubela phambili_____	28
6.	Icebiso lokugqibela_____	31
7.	limvume_____	32



INTSHAYELELO

Lamabali abhalwe apha kulencwadana ngamabali athe abaliswa ngabafundi bonyakawesibini baseyunivesithi yese-Fort Hare, iYunivesithi yeRhawuti ne-Rhodes. Ababafundi beyunivesithi kunye nabanye abasuka ezilalini abafunda izifundo ezingafani, bathe bathabatha inxaxheba ngo-2017 no-2018 kwinkqubo yemfundo ephakamileyo yabafundi abasuka emaphandleni ebizwa njenge-SARiHE. Injongo yalenkqubo yayikukuphanda umba wabafundi abasuka emaphandleni aseMzantsi Afrika, ukwazi ukuba ebenjani amava okushiya amakhaya wabo besiya kufunda emazikweni emfundo ephakamileyo. Lonto kwenzele ukuba bakwazi ukonwabela ulwazi nezakhono abethe bazifumana elusatsheni nasekuhlaleni, zinto ezo abazisebenzisa ekwenzeni ngcono impembelelo noncedo abathi balufumane eyunivesithi.

Lencwadana ingumsebenzi oqalwe kwangababafundi njengesixhobo sokunceda abanye abafundi abazakuphuma kwiinginqi zabo ngomso. Kumsebenzi wemaqelana wabo amancinci, bathe bancediswa ngu-Professor Gina Wisker osuka kwiYunivesithi yase-Brighton eBritane. Basebenze bonke ngeempelaveki ezimbalwa ukuqulatha lencwadana oyifundayo ngoku. Amabali akulencwadi ngawabo, kwaye athetha ngamava angafani omntu ngamnye.





1. ISINGENISO



I-SARiHE yinqubo esebenzisana nabaphandi abasengabafundi nabo kwiiyunivesithi zonke zaseMzantsi Afrika. Iyunivesithi yeRhawuti, i-Rhodes kunye ne- Fort Hare. Singabafundi sibhala ngamava athe sawafumana ngaphambi kukuba sifumane izifundo zethu namava aseyunivesithi.

Injongo yalencwadana kukufundisa iintsapho zethu, izihlobo, izikolo, nabantu basekuhlaleni ngomngeni othi ubekho xa ulutsha lugqithela phambili ngemfundo yayo, lusuka emaphandleni lusiya kwindawo entsha engaqhelekanga efana neyunivesithi. Kwakulencwadana sizakuphinda kwakhona sithethe ngezinto esivumelelana ngazo singabantu, nokuba nje sisuka kwiindawo namakhaya angafaniyo.

KuMzantsi Afrika omtsha, amathuba okuya eyunivesithi mahle kakhulu kunakungaphambili. Kodwa ke, ukungabikho kokwaziswa, imali, nenxaso, abafundi abanintsi abasuka ezilalini nasemaphandleni abakwazi ukulifumana elithuba lihle lokuya eyunivesity. Abo bathi balifumane, nabo abakwazi ukuzigqiba izifundo abazikhethileyo. Ezingxaki kufuneka zisonjululiwe. Akufuneki into yokuba zivalele umntu onesiphiwo amathutba emfundo ephakamileyo.

Esisixhobo sesokukhokhelela wonke umntu unekamva ukuba akwazi ukumelana neentandabuzo abangaba banazo malunga nendlela esingisa eyunivesithi. Iimpedulo zivela kwabo abathe bathabatha inxaxheba ekubhaleni lencwadana ekhokela wonke umntu oye azibone ngathi yena akafanelwanga yimfundo enomsila. Sizakuthetha ngobomi basezilalini nekcubeko yabo, siphinde sithethe nangalendlela eya eyunivesithi. Siphinde si thethe nagemfundo enomsila, nenkqubela phambili yomfundi osuka kumabanga aphezulu ofuna ukuya eyunivesithi.

Sizakuthetha ke nangeengxaki esithi sidibane nazo xa sicinga ngokuqhubela phambili nenfundo. Sizakufumana izisombululo ezingasinceda ukuba singadakumbi okanye sityhaxe xasicinga ngalomba. Okubaluleke ngaphezu kweengxaki yimpumelelo.





2. UBOMI BASEMAPHANDLENI



Ubomi basemaphandleni okanye ezilalini bumnandi, bufana nobunye ubomi. Kodwa kuyenzeka ukuba nabantu basemaphandleni bacinge ngobomi kwezinye iindawo. Sithi sicinge ngokuya eyunivesithi sisakugqiba imfundo yamabanga aphezulu, iyunivesithi leyo okunokwenzeka into yokuba ikude lee kunasekhaya. Ubomi basemakhaya abufani nobomi basezidolophini ngoba amathuba okuziphuhlisa aqingqiwe.

2.1 AMAVA

Ubomi basemakhaya bubomi babantu ababambiseneyo, abantu abakwaziyo ukubonisana ubuntu nembeko. Kulapho abantu bathi bafunde umsebenzi nenkuthalo, imbeko nokuzimela. Abantu bezi indawo baphila ngaphantsi kwamasiko, izithethe nentlalontle.

Zikhona iindawo ezisemaphandleni ezithe zaphuhluswa, kodwa kusekhona ezinye apho kukhona abantu abasatya ngendebe endala. Amakhaya asezilalini asaxhomekeke emadameni nesemilanjani ukuze afunane amanzi. Nezindlu zangasese azikaphucuki. Kwezinye iindawo, abantu abanazo kwa ezizindlu zangasese sithetha nagazo. Abanye oomasipala bakwazile ukutshintsha impilo yabantu ngukuthi bafake iimpompi zamanzi nezindlu zangasese eziphucukileyo Ubunzima sibufumana ekuthini sihambe ababanga amade ukuyokufika esikolweni, zikolo ezo ezimbalwa kakhulu kwiingingqi zethu. Kukhona abantu abahlala kwizindlu ze-RDP, ematyotyombeni, koorontabile abakhiwe ngodaka nesezindlwini ezakhiwe ngezitena nesamente. Kodawa ke, okubalulekile yinto yokuba sonwabile emakhayeni ethu nokuba akhiwe kanjani. Lonto ayibalulekanga kuthi. Into ephambili kukubasekhayeni elonwabileyo.

"Singabafana sasike siyodada phaya. Kodwa ke, kuba kunobungozi, abazali bethu basikhalimela koku. Saze saqhubeka thina ukuya qho ukuyodada edameni. Emua konke oko, sasibethwa sithi sa ngabazali bethu besakuva ukuba besiye edameni kwakhona."

– . Omnye wabafundi abancedisa
kuphando¹



¹ Izicatshulwa ezikulencwadana zithatyathwe kubafundi abancedisa kwakoluphando.

2.2 UKUCINGA NGEKAMVA


Abantu basezilalini nabo banamaphupha njengomntu wonke. Nathi sifuna imfundo enomsila kwenzele sikwazi ukuphucula iindawo esivela kuzo, kwaye sifuna ukugweba nendlala ethi igugqise kwiingingqi zethu. Nathi ke sinabo abantu aphathi bavelele phambili ekuhlaleni. Ngabantu aba abafundile abafana nootitshala bethu bamabanga aphantsi naphakamileyo abanezindlu ezinkulu neemoto. Nathi siqwenela ukufana nabo. Iingcinga zethu mayelana nokuya eyunivesity:

"Iphupha lam laqala ndisafunda amabanga aphantsi. Ayiyonkumbulo intle noko le; utitshala wezibalo wayesibetha xasingakwazanga ukubhala impendulo eyiyiyo kwimibuzo yakhe, lonto yandenza ukuba ndifune ukufana naye ngenye imini zendibuye ndizokubhetha abakhe abantwana. krkrkrkr! Ndandicinga ngempindezelo, kwadwa ndisakufika kumabanga aphezulu, ndaabona iindlela ezininzi ekungathi umntu angazilandela. Ndlela ezo ezifana nokunesa, ubunzululwazi nezamanani (Ucwangciso-mali). Udade wethu waafundela ukuba ngumongikazi, nam ke ndatsho ndanomdla wokuqubekela phambili nemfundo yam."

"Ubona nje andazi, kodwa ndandinomdla kuyo yonke into enezibalo phakathi.."

"Mna ndilbathanda kakhulu abantu basekhaya, kwaye ndiyayazi into yokuba bandenzele lukhulu. Ngokufumana ithuba lokuya eyunivesithi ndizivakungathi lingabakhona ithuba lokubabuyekeza kuko konke abandenzele kona. Ndingakwenza konke oku ngoYesu Krestu. Ndikholelwa ukuba yonke into esiyibonayo kwelilizwe idalwe nguThixo."

"IMFUNDO ENOMSILA
YIYONA NDLELA APHO
UMNTU AZAKUTHI AKWAZI
UKUTSHINTSHA IMEKO
YASEKHAYA."



"EYUNIVESITHI KULAPHO
SIKWAZI UKUBUYISELA
ISIDIMA KWITHEMBA
ELILAHLEKILE KUBAZALI
BETHU."

NGAPHAMBI KOKUZA EYUNIVESITY

"Ehh... Unomathotholo udlale indima ebalulekileyo ngoba abasasazi neendwendwe ezisuka kumaziko emfundo enomsila angafani babethetha ngenye imini malunga nokucela ukungena eyunivesithi, besinceda ekukhetheni elona ziko lifanele iimfuno namaphupha omntu ngamnye. Ekuhambeni kwesxesha kubekho neentengiso ezipapasha ulwazi mayela namathuba okufumana iiBhasari. Nangoku ndiseyunivesithi, unomathotholo usasanceda ekuveni ngamathuba eeBhasari ngoba kukhona amaxesha apho nalemali yaseyunivesithi ingabhataleki khona."

UQALE NINI UKUVA NGEYUNIVESITY?

"Ndiqale ukuvangeyunivesithi xandisenza u-Grade 10 ngonyaka ka-2012 e-Flagstaff Comprehensive School, apho ndandifunda amabanga aphezilu. Bendifunda nje ndingekayazi into endifuna ukuba yiyo ngoba phaya akunanto ibindikhuthaza ekufuneni into enomahluko. Kwenzekile ngenye imini ndisafunda u-Grade 10 into yokuba kubenomboniso wenkqubela phambili (i-Career Exhibition). Ndaya ke kulomboniso, ndaze ndadibana nabantu abavela kwezinye iindawo abathe bandibonisa lukhulu ngeyunivesithi nokuba ndingenza kanjani ukuze ndikwazi ukungena khona."

2.3 UKUCELA UKUNGENA EYUNIVESITHI

Kunzima ukucela indawo eyunivesithi xa ungazi nto ngobugcisa. Ukucela indawo esikolweni kulula ngoba ugcwalisa nje iphetshana ube ugqibile, kodwa eyunivesithi kunezinto ekufuneka uzifundile kuqala, izinto zobugcisa ezifana neintanethi – into ekufuneka uyifundile ngapahambi kokuba ukwazi ukuba ligcwaliswa kanjani iphetshana lokucela indawo eyunivesithi elikwiIntanethi. Nezalathiso zibhalwe ngolwini okunzima ukululandela. Indawo zokufumana i-Intanethi azikho emakhayeni wethu, lonto eyenza into yokuba kufuneka ukuba sithenge i-Data ukwenzela sikwazi ukusebenzisa iifowuni zethu ukucela indawo. Iyadura ke naleData. Abanye abafundi abanazo kwa ezifowuni.

Bakhona ootitshala abathi basincede ekufumaneni iimpepha zokucela indawo eyunivesithi. Zikhona nezinye izikolo ezisincedisayo ekukhetheni izifundo ezingasifanela ngokwendlela esipasa ngayo esikolweni. Kuninzi lwethu, eyona ndlela esithi sikwazi ukufumana ulwazi ngayo mayela neeyunivesithi kukumamela unomathotholo, ukufunda amaphephandaba, okanye ukubukela umabonakude. Emva koko sisebenzise loomadlana ebesinayo ukuya emazikweni emfundo enomsila siyokuzivela ngokwethu ukuba kufuneka senze ntoni na ukuze sikwazi ukufumana indawo yokufunda. Abanye abafundi basethamsanqeni lokubanezihlobo ezisele zifunda eyunivesithi, zithi ke zibancedise kolomsebenzi wokucela ukungena eyunivesithi.







INDLELA ENDIKHETHE NGAYO IYUNIVESITHI NENDLELA ENDICELE NGAYO UKUNGENA

"Ndinommelwane ofunda kwiYunivesithi yaseKapa obesenza ezizifundo nam ebendifuna ukuzenza, nam ke ndasele ndimbuza ukuba kunjani eKapa, wathi ke yena kulungile. Kuyafundeka. Ndaze emva koko ndaya kwindawo apho kufumaneka i-Intanethi ukuyotsala iphepha lokugqwaliswa xa umntu efuna indawo yokufunda. Ndancediswa sishlobo ekwenzeni oku. Ngosuku olulandelayo, esinye isihlobo sam sandixelela ngeYunivesithi yaseRhawutini, watsho esithi ukucela ukungena kuleyunivesithi kwenziwa simahla nge-Intanethi. Aba baseKapa babecela imali engangekhulu leeRandi, imali endandingenayo, ndaze ke mna ndagcwalisa apaphetshana ase-UJ apho ndikwazi ukufikelela khona."

"I univesithi yase-Fort Hare ngeyazinga eliphakamileyo kwaye iyafikeleleka kumntu wonke osuka emaphandleni, abantu abamnyama abafana nam abangathathi ntweni. Yaziwa njengeyunivesithi ephambili kwisidanga ebendifuna ukusifundela"



“XA USUKA USIMKA EKHAYENI LAKHO
LASEZILALINI, AWUKWAZI UKUHAMBA
NJE OKUNGATHI UZAKUPHINDA
UBUYE NJENGOMNTU OTHUNYWE
ESAPHA. LONKE USAPHO LUYADIBANA
KUNYE NEZIHLOBO EKHAYENI LAKHO
UKUKUYALA UKUBA UNGAZE ULIBALE
UKUBA ULISHIYELA NTONI NA IKHAYA
LAKHO.”



3. INDLELA ESINGISE EYUNIVESITHI



Umntu uziva kamnandi xasele esiya eyunivesithi. Lento yenziwa yinto yokuba kungenzeka ukuba ungowokuqala ekhayeni lakhe ukufumana ithuba lokufumana imfundo enomsila. Usethamsanjeni.

3.1 UKUSUKA EKHAYA

Inyathelo nje lokuqala elisingise eyunivesithi kukupasa ibanga eliphezulu, u-Grade 12. Emva koku kucacile ukuba uyahamba nyani ekhaya. Nakum bekunjalo. Kodwa bekungacacanga ukuba bendizakuphumelela okanye hayi.


Ingxaki endithe ndabanayo mna yeyokuba bendingazi mntu eRhawutini. Bekungekho sihlobo esisebenza kufutshane nalapho ebekufuneka ndibekho mna, into ethetha ukuba azange kubekho mntu wokundamkela xa ndifika. Ndabasethamsanjeni ukubanotitshala owakhawuleza wabona into yokuba ndandingenandawo yokuhlala ngelaxesha ndisabhalisa. Waye wathetha nabantu abaziyo kwiRhawuti ababenako ukundinceda ndisafika, abantu abandinceda bendisa kuzo zonke iindawo ekwakufuneka ndiye kuzo.

Ngalemini endahamba ngayo ekhaya ndisiya eyunivesithi ndaziva ndingumntu ongomnye, kwakukho umahluko. Lonto yayenziwa yinto yokuba ndandinovalo ndicinga nangezinto ezininzi. Ngoku ndisebhasini ndandicinga ukuba ndiya apho ndingazi mntu, apho kuzakufuneka ndiqale phantsi ukuziqhelanisa nabantu.

Ngalaminindisukangayo ndandinovaloolukhulungobandandingenandlela yokuqhakamshelana nabantu ukuze ndibaxelele into yokuba sele ndiphi na nendlela ngoba ifowuni le yam yangenwa ngamanzi emvula endleleni eya esitishini sebhasi.

Kodwa ndafika kakuhle ndaze ndakwazi nokuqhakamshelana nalomntu uwayezakundilanda ebhasisi xa ndifika. Into yokuqala endayibonayo xa ndifika sisxeko esikhulu nezindlu ezirheca isibhakabhaka. Kum zazithande ukufana zonke ezizindlu.

Ndikhumbula ndibala izitalato esele sizigqithile nokuba sijike kangaphi na. Kodwa ndakhawulezo ndakhumbula iziyalo ebendizinikiwe mayelana nobutsotsi baseGoli nokuba umntu kufuneka enze ntoni ukuze angabisisulu sokukhuthuzwa. Ngethamsanqa ndakwazi ukufika eyunivesithi ngoba ndindinomkhaphi ukusuka esitishini sebhasi.



3.2 IXESHA LOKUBHALISA: AMAVA OMNYE UMNTU

Ixesha lokubhalisa eyunivesithi lalingekho lula ngoba kwakungekho mntu owandihlangabeza esitishini ngalamhla ndifika eRhawutini. Azange ndikwazi ukufika ngexesha kwindawo yobhaliso, ndaze ndachitha ixesha ndizama ukuchazela oonobhala into yokuba bendamkelwe yiyunivesithi. Enye ingxaki endadibana nayo yayile yokuba nalomntu owathembisa ukundibhatalela izifundo wayengumntu owasele esaziwa phaya ngokungabhatali. Babethi oonobhala mandibhatale imali yokubhalisa, kwaye loomali nam ndandingenayo. Yilonto eyenza into yokuba ixesha lokubhalisa licotha kakhulu. Kwakufuneka ndichaze izinto ezininzi. Umntu owethembise ukundibhatalela izifundo akazange afune ukundibhalela ileta etshoyo ukuba nguye ozakuqwalesela umba wezimali ezazifunwa ngelaxesha lokubhalisa.

Ndafuna omnye umntu ongandiceda, kwaye ngeenceba zomdali waphendula ngalemuni yokugqibela yokubhalisa. Kodwa ke kwenzekile ukuba ndingabisesikolweni ngalemuni aphenhula ngayo, lonto yenza into yokuba ndifike emva kwexesha ekubhaliseni.

Ngomvulo olandela iveki yokubhalisa, ndavuka ekuseni ndabhekisa eyinivesithi ndiyozama ukubhalisa. Ngalomini kwakuqalisa iiklasi, kwaye nabahlohli bandixelela into yokuba asozendipase, kungcono ndigcine lemadlana endiyiphethe ndingayimoshi. Bandixelela into yokuba izifundo zenjineli zinzima kakhulu, into yokuba bendigekhe ndikwazi ukuleqa amafundi abesele beziqalile izifundo zabo. Eso ibisizathu sabo sokukhaba isicelo sam sokubhalisa. Basuka bandixelela into yokuba kungcono ndihambe ndigoduke.

Kwabakhona ukuxambulisana phakathi komntu omele abafundi kunye nentloko yezifundo zenjineli, ntloko leyo eyathi emva koko yanyibilika yaze yavuma into yokuba ndiye eklasini ngokukhawuleza ukuze ndikaphoswa zizifundo ezininzi. Okukulibaziseka bandiphosanisana nendibano enikeza ulwazi mayela nenkqubo yaseyunivesithi.



3.3 UKUZINZA

Emva kokusombulula iingxaki zobhaliso, kwaavela ezinye iingxaki ezingenanto yokwenza nezifundo. Kwabanengxaki kumba wokufumana indawo yokuhlala. Zonke indawo ezazivunywe yiyunivesithi zasisele zizele ngabafundi. Indawo eyayisele ifumaneke ngaphandle kweyunivesithi. Into eyandenza into yokuba ndingafumani ndawo kwade kwabetha eyoKwindla. Ndachitha inyanga yonke difinana nendawo yokuhlala. Kwaanyanzeleka into yokuba ndihlale nomnye omfundi owandanceda ngokundipha lonke ulwazi malunga neyunivesithi kunye nenkqubo yayo kuba mna ndaphoswa yilendibano eyayibaluleke kakhulu.

"Ukubona abantu bekutsiba emgceni kodwa wena ufike kuqala kwakuxakanisa. Abo ababegashelwe ukuncendisa abafundi ndababona bencedisa isihlobo zabo kuphela. Ndiyabathanda abantu, kodwa lendlela abasiphatha ngayo abo ekwakumele basingcede yandenza ukuba nditshintshe ndibengomnye umntu."

"Kuye kungabikho ntsebeziswano pahakahati kwabahlohli nabafundi baseyunivesithi ngenxa yomba weeyelwimi ezingafani. Kuyenzeka ngamanye amaxesa ukuba umfundi angasiqondi isigama esisetyenziswa ngumhlohli, kodwa lisawuguqulelwa esixhoseni igama elo, kube kungona eqala ukuliva kakuhle ukuba lithethe ukuthin umntu. Mna ngokwam ndiye ndibenengxaki ekuqondeni amaphepha emfundo ephakamileyo ekufuneka siwafundile. Lento yenza ukuba singaqhubi kakuhle ngoba awukwazanga ukufumana inkcazelo ngomba ngolwini lakho. Lento ayithehi into yokuba awazi nto, yinto nje eyenziwa kukungathethi ulwimi olufanayo."

ISISOMBULULO:

Eyona ndlela esiyise sithi siyisebenzise ukongamenla lengxaki kukwenza ubuhlobo nokubuza abanye abafundi ngezinto esingaziqondi kakuhle. Ukuthetha nabanye abafundi kuye kukuncede nawe ukubonisa isibindi sokuba ungawazi ukuzama ukuthetha iingcinga zakho embuzweni. Egumbini lokufundela, xa kunyanzelekile ukuba umntu abuze umbuzo kodwa esazi into yokuba amagama okuthetha ngolunye ulwimi akanawo, kubanzima, kodwa kube kunyanzelekile into yokuba umntu abuze kunzima kunjalo. Lubakhona uloyiko lokuba abanye abafundi bazakuhleka emva kokuba ubuzile, kodwa ke ungabasethamsanqueni lokuba ufumane impendulo okanye ubone ukuba uhamba notitshala okanye hayi. Ukusukela apho, nokwenza izilungiso kutsho kubengcono. Esinye isisombululo kukusebenzisa amathuba anikwa abafundi ukuba bayobona utitshala ngasese ukuze bakwazi ukubuza imibuzo.



IBALI NGOMFUNDI WESEYUNIVESITHI

Wayelipasile kakuhle kakhulu ibanga eliphezulu, nto leyo ethatha ukuba wayifumana lula invume yokuqhubeka nezifundo zakhe eyunivesithi.

Wayesuka ezilalini, enguntwana omnye kwikhaya elingenatata. Ngalemuni kufika ixesha lokuba aye eyinivesithi, umama wake wayenexhala lokuba intombi yakhe ayizakubanamali yokutya neyokuthenga impahla ezifanela iyinivesithi. Nabantu belali babemjongele phantsi ngoba wayesuka kwikhaya elungathathi ntweni. Babemhleba abamelweni besithi 'Hayi lo, uzakubuya lingekatshoni'.

Abamelwane bakhawileza bamvuyelela!

Mhla ebuyela ekhaya udade lo ngexesha lekhefu, kwakungathi yenye intokazi yaseRhawutini. Babemthele nqa ukuba uvelaphi, kodwa bambona into yokuba usengulomntu bamaziyo. Oontanga bakhe bambona njengomntu abangakhangela kuye xa bebona ukuzimisela kwakhe nokizingca. Nabo ke abamelwane ababelophoza, batsho mema nematha, bengazi ukuba bazakuthini. Bafane bathetha.

Wakwazi ukumelana nazo zonke ezizinto ezazithethwa ngaye ngoba wayefundisiwe ngumama wakhe ukumelana nazo zonke izinto.



4. UKUGQITHELA EYUNIVESITHI




Elixesha lokuya eyunivesithi lelona lichulumancisayo kuwo wonke amaxesha obomi bakho. Phaya uthi udibane nabanye abantu bezinye iindawo okwazi ukwakha ubuhlobo nabo. Lonto ayithethi into yokuba ubomi baseyunivesithi bulula. Kubakhona amaxesha apho kunyanzelekile ukuba uziqhelise naye wonke umntu ombonayo kwenzele ungaziva ulilolo okanye ulahlekile. Nento yokuthenga iincwadi ayiqheleki, kuba esikolweni samabanga aphezulu, zonke iincwadi zisimahla. Kuphinde kubekho nomthwalo wokusoloko ufunana neendlela zokufumana imali yokubhatala izifundo zakho. Into ethetha ukuba uzakuma emigceni emide ufaka izicelo zemali ube ulambile kwangeloxesha ungazi into yokuba ukutya uzakufumana nini okanye phi.


UKUSHIYA IKHAYA...

... USIYA EYUNIVESITHI

Ukufika eyunivesithi uvela ezilalini akuyonto elula leyo, kodwa ukuba uzimisele ungakwazi ukumelana nayo yonke lonto. Ukufunda eyunivesithi kwahlukile kunokufunda esikolweni samabanga aphezulu. Oku kwenza into yokuba lenkqubo ibenzima kakhulu kumntu owenza unyaka wakhe wokuqala. Kulapho ke umntu kufuneka ekhhaliphile aziqhelanise nabanye abafundi kwenzele angasileli ezifundweni zakhe, nokuba ufumane amava abanye abafundi abasele begqithe kulendlela oyihambayo.


Ukuba seyunivesithi akoyikeki ngalendla ucinga into yokuba koyikeka ngayo. Into ebalulekile ngeyokuba uqwalasele izifundo xzakho kuphela. Wenze lento oyizele apha.





"UVUYO LOKUZIBONA USEUNIVESITHI
LUKHAWULEZA LUPHELE XASELA
UJONGENE NOMNGENI WOKUBA
KULENDAWO UBUKADE UYIJONGE
NGAMEHLO ABOMVU."

"AMAGUMBI AMAKHULU AGCWELE
ABAFUNDI AYOTHUSA EWODWA."



BEKUKHO ABANTU UBUBAZI EYUNIVESITHI?

"Xa ndingakuxelela indlela endithe ndasokola ngayo, awusoze undikholelwe. Nase-Fort Hare le abakwazi noku qhakamshelana nabafundi babaxelele into yokuba bathathiwe okanye hayi. NDeza apaha ndiphethe isiqinisekiso sempumelelo kwimfundo yebanga eliphakamileyo kuphela, kwaye emva kokuba ndifikile ndandingazi nkuba ndizakulala phi emva kobhaliso."

Eyunivesithi kuyanyanzelekile into yokuba uziqhelanise nabanye abantu. Awukwazi ukwenza yonke into ngamandla akho kuphela. Eli lilizwe elingaqhelekanga, kwaye lineendidi ngeendidi zabantu abohlukileyo. Kuba yonke into eyenziwa khona intsha kuwe, kunyanzelekile into yokuba uziqhelanisa nabantu kwenzele uzoqhela lendawo okuyo.

Ukusuka ebomini basezemaphandleni ugqithela kubomi baseyunivesithi akuyonto ilula leyo. Kubangathi uthathe indlela entsha ebomini. Kunyanisiwe xa kusithiwa ubomi yindlela ende esiphelo eingaziwamntu. Ukuhlala ezilalini nokufunda khona kumenza umntu acinge into yokuba uhlala elizweni elingaziwayo nelingakhathelelekanga. Yinto ebuhlungu ukukhulela ezilalini apho kungekho kroba lokwazi ukuba kunjani na ngapheseya kweentab neenduli ezikungqongileyo. Ukusuka emakhaya usiya eyunivesithi kwenza into yokuba udibane nbanye abantu. Abanye banobuntu, abanye ziingqete nje. Kodwa mandiyithethe inyani ndithi, nokuba kungelula, uye uqhele. Ixesha lenza into yokuba kubemnandi.




4.1 UKUYA EKLASINI

Into yokuqala engumngeni kukufunda indlela asabenza ngayo amaxesha eeklasi athi akukhokele kumagumbi ekufanele ubekuwo. Thina esiqhele izindlu ezinamagunjana amancinci siye silahleke xasele sisendaweni enezakhiwo ezide nezinkulu. Kuyenzeka ukuba umntu aphoswe sisifundo ngenxa yokulahleka. Eli lixesha elimnandi kodwa lenza ixhala ngoba kaloku abanye bethu asiqhelanga ukuthetha isilungu, ngoku sizifumane sisendaweni apho kufuneka sisithethile nasemagumbini okufundela. Umntu woyika nokubuzisa umbuzo ngokuba hleze afumane ukuhlelwa ngabanye abafundi. Uninzi lwethu luqhele itshokhwe nebhodi emnyama, ii-Projector ezi nezikrini zintsha kuthi.


Kubekhona nalamagumbi amakhulukazi okubhalela iimviwo. Ukubona izinto ezintsha kuyachulumancisa kodwa kuphinde kothuse, kwenze into yokuba intloka le ixinane. Ngamanye amaxesha kuyaxakanisa, kodwa emva koko siye sizihleke.

"Njengokuba ubona, iidesika nezitulo zibekwe kakuhle. Apha kulapho kubhalelwa khona iimviwo. Kunzima kwelugumbi ngoba ngexesha leemviwo akuvumelekanga ukuba umntu aqhwethe ummelwane, yimithetho yakhona leyo. Ezidesika zidweliswe ngokomlingasiso ofanayo wezifundo, nangokwezifundo ezifanayo. Ukrozo nokrozo lumele icandelo elingafani lwezifundo."



4.2 UKUQHELANA NELIZWE LOBUGCISA

Isichazi magama esifumaneka kuGoogle, xa sithi 'Ilizwe lobugcisa' sithenta ngelizwe apho abantu bekwazi ukuqhakamshelana ngezixhobo zobugcisa ezifana ne-email (Iposi yombane). Njengomfundi, obona bugcisa oqhelene nabo kukusebenzisa infononfono yakho, u-Facebook no-Whatsapp. Ngoku xa sele ufika eyuniveshi kufuneka uqhelane nezinye izixhobo zobugcisa. Umzekelo walento yinfuneko yokuba usoloko ujonga iposi yakho yombane qho nezaziso esivela kumhlohli. Ngaphezu koku, kunendawo apha ukwazi ukuphosa umsebenzi wakho wasekhaya ungakhange uye eofisini yomhlohli. Uyenza lento usegumbini lakho. Naxa ufuna amabal'engwe ezinto ebezithe zafundiswa eklasini, lomhlola wobugcisa nawo uyakwazi ukukubonisa yonke into ibifundiswa ngaloomini. Ne-intanethi ikwalapho ekunceda into yokuba ukwazi ukufumana ulwazi neempendulo ungazisebenzisa kumsebenzi wokubhala owunikiwe. Kodwa ke awukwazi ukuvele ukope yonke into ekwi-intanethi ngoba kwalapha eyinivesithi baphinde basifundise into yokuba ukuthabatha umsebenzi wonye umntu unjalo bubusela, Kanye nokuphinda into ethethwe ngomnye umntu waza wangabhali into yokuba olulwazi ulufumene phi, noko ikwa bubusela. Okulandela oko kukubizelwa ekhusini/ngasese usalulekwa ngendlela eqatha.



4.3 UKUZIMELA NGAWO OMABINI

Eli ixesha lithuba elihle lokuzimela bengekho abazali bakho, kodwa liphinde libelixesha elinzima. Usakubuya eklasini emva kwemini yonke yezifundo, kusafuneka into yokuba uziphekele ukutya yonke imihle. Lento ukufundisa into yokuba uyakwazi ukuzizamela ekhitshini, ukuzihoya noxa nje kungekhomntu wasekhaya ungakunceda. Oku kuvula amathuba okunceda nabanye abafundi koku, into ekhokela ekubunjweni kolunye usapho ngexesha apho useyunivesithi. Olusapho kufuneka libenamalungo akhangele phambili empumelelweni njengawe. Abantu abangazukulibala kukuhamba esithubeni, nto leyo engakwenza ukuba ungaziphumeleli iimviwo zakho. Ukuba awuyenzi lento ungatyhafa ezifundweni utyeshela iincwadi zakho kuba kungenamzali uzukumele ngasemva.



IHOLO YOTHWESO ZIDANGA

"Akusekühle! Sele uzibona uphumelela kwizifundo zakho uthweswa isidanga zemfundo ekhethwe nguwe. Kubese kufuka lemini yokuthwaliswa isidanga! uYehova mhle ngamaxesha onke! Abazakuthwaliswa izidanga bahleli bodwa ecaleni elinye, kwelinye icala ngabazali."



5. UKUTHWALA ISIDANGA NEN KQUBELA PHAMBILI




Into eyandinceda ukuba ndikwazi ukungamoshi xesha ndisakufika eyunivesithiyayingilomnqwenomnyeowandenza ukubandifulatheleikhaya lam, umnqweno wokuthweswa isidanga. Amaphupha wam wokuzimela ngezezimali ayexhomekeke kulombono. Yayingekho enye indlela endigayithabatha ngaphandle kwa le. Ndisuka ekhayeni elingathathi ntweni, kwaye ndifuna nokususa lekati esoloko ilele eziko. Ndaazijonga mna ndingumntu ndazixelela into yokuba kumele ndibenesidima, nam ndibengumntu ebantwini. Ubomi bezinana endakubona kumabonakude naselalini kwaandenza into yokuba nam ndiqalise ukubhula amasaka.


Ukuba ngumntu ovela ezilalini kwenze into yokuba izinto zibenzima kwelilizwe elingaqhelekanga kum. Ukungathandi iziyolo namatheko kwenza into yokuba ndikwazi ukuqwalasela izifundo zam. Ukoyika ukukhuthuzwa nokulahleka kundenze into yokuba ndiziqhelanisa nokuzihlalela egxamesini lam ndingaphumi. Anditsho into yokuba ndandingafuni ukuphuma ndiyojuxuza, kodwa imfundiso nengqeqesho yasekhaya zasoloko zinditsalela ngasedesikeni yam yokufundela. Nam ke ndingulomntu oqhele ukujongana kuphela nezinto ezibalulekileyo. Nemali ndaayonga. Ndandingelo lolo, kwaye ezemidlalo zandinika into yokwenza. Mininzi imidlalo efumaneka eyunivesith. Xa ndingenzi nto ndandibukela imiboniso-bhanyabhanya nabanye abantu abakhona ngeloxesha ekhampasini, ndincokole kwi-intanethi nezihlobo, okanye ndizihlale nje ndingenzi nto.

Ukoyika ukuphulukana nemali yesibonelelo kwandenza ukuba ndizikhuthalele kakhulu iincwadi zam. Ekhaya akukho mntu ubengandicedisa ekubhataleni imali yesikolo, nto leyo eyandenza into yokuba ndiqinisekise into yokuba izifundo zam zigqibelele. Ukubuyela ekhaya ndingaphathanga nto yayingaba kukudana endingakufuni, okungandifanelanga.

Ukubaseyunivesithi into emnandi kakhulu ngoba akukho mntu osoloko ekugadile. Apha sikhululekile, akunabazali kwaye uwakwazi ukwenza izinto ongazange uzenze ebomini bakho ngaphambili... Izinto ezintle phofu. Zininzi izinto esizifundayo ngokubalapha. Ukuphuma nje kwindawo ozifihle kuyo uyakwazi ukufunda izing ezenza ngcono ubomi bakho.



"INDAWO OSUKA KUYO
AYITHETHI INTO YOKUBA
UNGAPHUMELELI."



“UBOMI BUNGAKUTHATHA
BUKUSE EENDAWENI
UBUNGAKHANGE
IZICINGE.”



6. ICEBISO LOKUGQIBELA



Xa ujonga lamabali osele uwafundile kulencwadana, ubona ukuba athetha nagamava abanye abafundi nemingeni abathe bajongana nayo kwihambo yabo eya eyunivesithi. Nawe ungakwazi ukuyisebenzisa lencwadana kolwakho uhambo. Kuye kuthsiwo into yokuba indlela ibuzwa kwabaphambili, kwaye eli lixesha lakho lokuba uthathe la mava uwasebenzise kwinkqubo yako yokucela indawo eyunivesithi, ukushisha ikhaya, nokuziqhelanisa nobomi obutsha kwindawo entsha apha ungazi mntu.

Njengomfundi, kufanelekile into yokuba uwagcine ungawalibali amava amnandi onwabisayo. La amabi kufuneka ufunde ukuwabeka kakuhle endaweni efanele wona, ungasoloko ucinga ngawo. Masikhumbile into yokuba asizalwa ndawoni inye, umntu nomntu unoxanduva olungafani okufuneka eluthwele kwaye eloyisile. Masiye phambili njalo singakhaleli mathuba athe asiphosa ngaphambili.

Kubalulekile ukuthetha. Zama ukubanomntu ungajonga kuye ungakukhokhela ebomini akubonise indlela. Abanye abantu bangakwazi ukunukeza ulwazi oluninzi. Yonwaba uzithande izifundo othe wazikhetha. Ungashiya iinkolelo zakho. Zama ukubangcono kunayizolo.

KUFUNEKA NDENZE NTONI NGOKU?

Ukuba ngaba unomdla wokuya eyunivesithi, okanye wazi umntu ungathanda ukuya eyinivesithi, inyathelo lkuqala kukungena kuGoogle ufune zonke iyunivesithi zaseMzantsi onomdla kuzo ngamagama wazo. Emva koko, kufuneka uqwalasele zonke izifundo abazidwelisile.

Xa sele ulufumene lonke ulwazi ububufuna, cofa ngemawusi okanye uklikhe apho kusithiwa 'Admissions' okanye 'Applications'. Emva koko yenza isicelo apho kwi-intanethi ugcwalise iphepha lenkcukacha. Emva koko bazakuqhakamshelana nawe. Ukuba ngaba ufuna ukubafowunela ufuna iinkcukacha, inombolo idla nngokubakhona kwelo phepha yeintanethi.

Ndlela ntle!



7. IIMVUME



UNIVESITHI YERHAWUTI

Amos Vusi Msiza
Asiphe Mvandaba
Dennis Mohlalela
*Edison Muthisi
Elias Moyana
Ellon Makhuvele
*Enocent M. Maake
Eubert Khosa
Fumani T. Monareng
Ignatia Malebo Namane
Kagiso Manyamma
Kamogelo Mogane
Keletso C. Maine
*Mack Mogale
Madise Kenneth Moteme
Masala Ramanugu
*Mpho G. Mphahlele
Nosipho Zondo
Rocky Ramaube
Sefakoane Ntsoane
*Sinah M. Phatlane
*William Ndhlovu
*Zandile Tsotetsi

I-RHODES UNIVERSITY

Abongile Deliwe
Andiswa Mabusela
Aphelele Mafuya
*Avela Pamla
Funeka Mjoli
Indiphile Ntlanga
Kamvalethu Vanqa
Lazola Mpapela
*Ludumo Mgobo
Mfanelo Bomoyi
Mpfunzeni Mudau
Nangamso Cewu
Noxolo Mabena
Papama Vose
Phoziswa Ndumndum
*Putuma Balintulo
Sandisiwe Dakela
Sesethu Dunywa
Vuyisile Mohlala
Zanokhanyo Mazeka
Zenande Ratazayo
Zenande Sojoli
Ziyanda Tilana
Zizipho Ngcingi



ITYUNIVESITHI YASE-FORT HARE

Andisiwe Mdlungu
*Anovuyo Sidubedube
*Asandiswa Tshotsho
*Fada Bonwabise
Hlangalwethu Mgwayi
*Kabelo P. Lehula
* Kgotsotalang M. Monoane
*Luvo Mzinyathi
*Michael S. Mamba
Mpumelelo Candlovu
* Ndibulele Majikijela
* Nelile Mponjwana
Sesethu Mlokothi
Siposethu Xipula
* Siyanda Peter
Zamokhuhle Mdingi
Ziyanda Diko
Zizile Mamba Manzi

ISAZISO

Sithi enkosi ku-Joel
Roberts no-Liam Wisker
ngomsebenzi wezilungiso.

Enkosi naku-Karma Elston
owakhe waze waphinda
wacwangcisa lencwadana.

IQELA LOPHANDO

Alison Curry
Beatrice Akala
Brenda Leibowitz
Emmanuel Mgwashu
Gina Wisker
Hellen Ochuot
Karen Desborough
Kibbie Naidoo
Lisa Lucas
Lorenzo Dalvit
Lulekwa Baleni
Martha Chigovanyika
Nathi Madondo
Ntsika Kit
Patricia Muhuro
Rachel Masika
Shashi Cullinan Cook
Sheila Trahar
Sue Timmis
Susanna Siddiqui
Tatenda Chatikobo
Thea de Wet



MALUNGA NALOMSEBENZI

Sibambisene nezinye iiyivesithi zengingqi yaseMazantsi eAfrika, sesenza uphando malunga namava abafundi abasuka emaphandleni. Sipahande indlela abathi badlulele ngayo eyinivesithi besiko ezikolweni zabo zasemaphandleni. Besisebenzisana nabafundi abancedise koluphando, izifundiswa neenkokheli zeeyunivesithi.

Lomsebenzi weenyanga ezingamashumi amathathu sisebenzisana ne-Newton Fund project, uye waxhaswa ngokwezimali yi-ESRC ne-NRF. Uqale ngenyanga yeDwarha ka 2016 waze wagqitywa ngeyoMsintsi ka 2019.



Ngenhlonipho ku-Brenda Leibowitz
1957 - 2018

Ukuze ufumane zonke inkcukacha ozifunayo, bhalela kuledilesi elandlayo:
sarihe-project@bristol.ac.uk

Zonke iifoto zeze projekthi ka-SARiHE

-

Lomsebenzi wenziwe ngaphantsi kwelayisenisi ye-
Creative Commons Attribution-Non-Commercial-
ShareAlike 4.0 International License

*(Ukubona ilayisenisi, ndwendwela eliphepha:
<http://creativecommons.org/licenses/by-nc-sa/4.0/>)*

